

# Imvo Zabantsundu.


(NATIVE OPINION)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories,

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, MAY 1, 1890.

[No. 285



**BAKER, BAKER & CO.,**  
**EQONCE.**

BAMEMA bonke abantsundu Belase

Maxhoseni, na Pesheya kwe Nciba ukuba beze  
kubona impahla baho eninzi

Isuti ezifudumeleyo zitshipu ziqalela kwi 11/6.

Ibhulukwe ezifudumeleyo zitshipu ziqalela kwi 4/6.

Iminqwazi efudumeleyo itshipu iqalela kwi 2/-.

Ibhatyi ezinkulu ezifudumeleyo zitshipu ziqalela kwi 12/-.

Iblankete ezifudumeleyo zitshipu ziqalela kwi 1/-.

Izihlangu, ne Shuzi, Ihempe, Izikafu, nengubo zonke  
ezifudumeleyo.

Kauze kubona, ukuze uzitengele ezobusika,  
bungekatwasi.

**BAKER, BAKER & CO.**  
**EQONCE.**

**IXESHA LO MCHEBO!**

**Beauchamp, Booth Co.**

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Eyona venkile yengubo ezilungileyo, nezitshipu  
edolopini apa.

Ihempe zamadoda ezinamaqosha e perile 1/6 inye.

Ibhulukwe ze stofu 3/, 5/ inye.

Ibhatyi zamadoda 5/, 6/9 inye.

Ibhatyi ze twidi emnyama 15/, 18/6 inye

Ibhulukwe ze kodi egwangqa ezilungileyo 7/6 inye.

Iminqwazi yamadoda eyi Soft felt 1/9, 2, umnye.

Ityali zoboya 5/, 6/, 7/, 8/ inye.

„ „ ezilunge kwayekwa 10/, 12/6, 15/ 18/, 20/ inye.

Iprinti (ezimabala), i pattern 6d., 7 1/2d., 9d. iyadi.

I Winzi zohlobo 6d. ngeyadi.

Ikeleko 2 1/2d., 3d., 4d., 5d., 6d. ngeyadi.

Ilokwe Zokutshata, Iminqwazi Yokutshata,  
**YONKE Impahla Yokutshata.**

**BEAUCHAMP, BOOTH & CO.**

E-QONCE, KING WILLIAMS TOWN.



Isaziso sika Rulumente  
No. 123, 1890.

Attorney-General's Office, Cape of  
Good Hope, 3rd February, 1890.

KUYAZISWA ngokwe  
sishumayelo  
No. 30 sanamhla okokuba Amatyal  
e-Jeji ayaku hlala kwindawo  
ezilandelayo ngemihla  
ezakukanywa emva koku, zi qala  
ngo 9 o'clock  
kusasa yonke imihla, eyile : —  
KWELASE MA XHOSENI.

E Tinara, ngolwesi-Bini, 4 March, 1890

E Bhayi, ngolwesi-Ne, 6 March.

E Qonce, ngo-Mvulo, 17 March.

E Komani, ngolwesi-Hlanu, 21 March.

E Dordrecht, ngolwesi-Tatu, 26 March.

E Alvani, ngolwesi-Hlanu, 28 March.

E Rakesdolopu, ngo-Mvulo, 31 March.

E Monti (East London), ngolwesi-

Tatu, 2 April.

E Gcuwa, ngolwesi-Bini, 8 April.

E Gala, ngo-Mgqibelo, 12 April.

E Mtata, ngolwesi-Tatu, 16 April.

E Kokstad, ngolwesi-Tatu, 23. April.

E Bofolo, ngolwesi-Hlanu, 9 May.

E Nyara, ngo-Mvulo, 12 May.

Kanamanjazo kuyaziswa ukuba xa  
sukuba i-Jaji ite yatinteleka ngesizatu

ebesingazeki ukuqala amatyal

kwezondawo zingentla ngalomihla

imisiweyo, yose iqala nangawupina umhla

efike ngawo kulomzi okanye

kwakamsinya ngangoko koyilungela.

THOMAS UPINGTON,

Attorney-General.

**EKA GRAY.**

Incindi Epitikeziweyo

—YE—

**LINSEED NE**

**HOREHOUND,**

Lelona Yeza le NKOHLOKOHL  
INGQELE, nazo zonke izikuhlana  
zo MQALA ne MIPUNGA.

**1/6 NGEBHOTILE.**

2/- LITUNYELWE NGE POSI.

Nganoanani Nanganye kwa

OLUKA

Gowie Uluhlu Lwezityalo.

Luka MARCH

UKWINDLA.

IMBALI ye Tswela Elikulu,  
Imigusho,  
i Beet, Turnip, nemifunwana  
yonke  
ingahlwayelwa. Zonke imbali ze  
Hypoxie, Ixia, Sparaxis, Freesia,  
nezinye  
intyantyambo zase Kapa  
ezinqcambu  
zinhukwa ne Pansy, Carnation  
—UBUSIKA NENTLAKOHLAZA—

IMIPOMPO ENENTYATYAMBO.

ENJENGE

Narcissus, Snowdrop, Freesia,  
Anemone, Sparaxis, Tulip, Iris,  
Ranunculus, Lachenalia,  
Babiana, njalo-njalo.

MAZIMILISELWE

**W. & C. COWIE,**

GRAHAM'S TOWN.

**IWU! ZIMKILE!**

EMDIZENI, ku Lali ka Kalana,  
kubiwe  
IMAZI YEHASHE EGWANGQAKAZI,  
enekolo, epaulwe indlebe zombini  
pezulu. NENKONYANA EYINDUNA,  
EMFUSA, inekolo, inenyanga  
ezintlanu  
izelwe. Olifumanisileyo wotumela  
kwi  
Ofisi ye Mvo.

31590

DYOLIS MYINGA.

**DYER AND DYER**

EQONCE, KING WILLIAMS TOWN.

Bafikelwa ngamanani amakulu

Empahla Entsha Yobusika Obuzayo.

Kananjalo badwelise

**IMPAHLA YAMADODA,**

Ezamadoda Isuti ze Twidi ezinzinza 17/6

„ Ibhatyi „ „ 9/

„ loundulubhatyi „ „ 3/3

„ Ibhulukwe „ „ 6/

Ibhatyi ne Bhulukwe ze Kodi

**INTLOBO EZINTSHA ZETYALI.**

Isuti Zetwidi emnyama zamadoda

(ZAMANANI ONKE.)

Iminqwazi, Izandla, Amaqhina, Iblankete,  
njalo-njalo.

**IMPAHLA EZINTSHA NEZIYI FISHINI**

**DYER NO DYER,**

KING WILLIAMS TOWN.

**KANGELA**

**GILBERT FOX NO NYANA,**

Abatenga, Batengisele, Batumele Impahla,,

SIFUNA ukukumbuza ama FAMA ABARWEBI NO MZI wonke ukuba  
asingabakoyo

nje, koko intumekelelo yetu ukutengela, ukutengisela, nokutumela nalupina  
uhlobo lwe ziqhamo zomhlaba, esesinatubata atile obulula tina kwezonto.  
Sikulungele ukwamkela umsebenzi WOKUTUMELA NOKUTENGISA zonke  
iziqhamo kwi marike zonke  
zase South Africa, ngenxa yokuba kwimizi yonke ebalulekileyo sine arente  
zetu.

ABATENGISI bofumana ukuba kuluncedo kubo ukuzinikela kuti impahla zabo  
kuba sihlala sine odolo ezinkulu. Esiti ke sanala sitengise ezomhlaba zinikela kuti

**GILBERT FOX AND SON,**

**W. McGLASHAN & CO.,**

(MAGALA),

**E-DIKENI**

BAHLALA benezona mpahla zokunxiba zintsha ezena ntloba  
zipilileyo ze Printi, i Satin, kwane Drillettes,

ITYALI, IZIHLANGU, NE NGUBO,

**Zonke Intlobo Zabatsatayo Kwesi Siqingata,**

Ngamanani alungele bonke abatengi. Impahla yabo ifika ngazo  
zonke iveki ezimbini; kengoko impahla yabo ihleli intsha  
ifika.

Ufuna into ezipilileyo, ngawona manani alula yiya kwa

**W. McGLASHAN & CO.,**

E-Dikeni.

Banika awona manani apakamileyo ngo BOYA, IZIKUMBA,  
IMFELE, UBOYA BESEYIBOKWE njalo, njalo IZILIMO zitengwa  
ngamani ase Markeni.

# ITYALI !ITYALI!

UKUBA ufuna ITYALI ezisitileyo, nezomeleleyo yiya kwa

## GIBBERD & BRYANT,

Ityali ezinkulu ezimnyama nge 4/. inye.

Izitofu zamanenekazi.

Iprinti ezimanani apantsi zohlobo olutsha. Ilinzi, ezentlobo zonke.

Uhlobo olutsha lwe SETINI EZIMHLOPE, Neveyile Zomtshato, Namagqabi, Neminqwazi, nako konke okunokufunelwa umtshato.

KWA

# GIBBERD & BRYANT

## Iveki.

SIYAVUYA ukuba ukuba u Rev. R. Birt wase Peelton owaye gula kakulu. uyachacha.

AMAHASHE ka Mr. Booi Skapa abesoloko efunwa ngesaziso kwi Mvo, afunyenwe e Mgwali wakwa Ngqika, yinto ka Vecashe ngo 17 April. Asiwu kwa oko lipolisa ka mfundisi wase Qwebeqwebe. Naso ke isiqamo sokwazisa mawetu.

KUKO amafama amhlope nantsundu kwisitili sase Kubusi agusha zilunwele ukwekwe ngangokuba sede zagqiba iminyaka emibini zingazanga zivaswe nge dipu.

ZININZI inqwelo ezibuya nayo imitwalo yebhali eblayishelwe e Rautini. Isizata soku kukuti abo bezitunyelwa kabo bangabinako ukuzitwala indleko ze transpiti.

KUKO intombi eminyaka imashumi mabini ananye ezibulele e Camperdown, e Natal ngokuzixhoma kwintsimbi ye bedi. Kute kuvulwa ucango ngokuvakala kwemigomo laselagame kade ithoba. Izigekabani kukungavunywa komntu ebintanda.

OBHALA ese Somerset East ubalisa ngohambelo lwake e Bhayi, apo afike wabona ozi Paka, nozi Library, nozi Hospatala, kwane Anivestile yakona.

KUSIVUYISA kakulu akubona ukuba kwi ntlanganiso ye Bhunga lesiqingata sase Qonce ebingolwesi-Hlanu olungapaya, i rafu yezinja ipelisiwe. Imbangeli yoka babanzima bokuyiquka. Siyambulula u Mr. Nettleton ngokungenisa elicobe.

Kwi Debate ebingo 6 April, e Clarkeburg Institution, bekuxoxwa ngalombuzo: Kalungilena ukuba utywala butintelwe kwaba ntsondu? Abati ewe 47, abati bai 17. Wena ke!

ABARWEBI mababa baza kusizisela nempingelo yase Ngilani njengokuba abagcini bamahlali bebandoza konke okukhula konjane.

IKONFERENS ezayo yama Wesile yobase Peitermaritzburg, ngesimemo salo dolopu. Kucelwe ukuba i Konferens yaphesha inyule u Rev. Peter Hargreaves ukuba abe ngumongameli weye 1891.

INGXELO yentlanganiso yama Tempile, ebise Debe, kwa Mr. Njikelana, yobonakala kwelezayo.

U MR. E. B. CHALMERS, imantyi entsha yase Bhofofo, yamkelwe kakuhle kona, yenzelwe isityo esikulu e Town Hall, yafundelwa nombuliso.

Kuko umlungu odubule umntu omnyama ngenzoko e Robinson Mine, e Johannesburg.

I-RULUNELI nerola ifike nge 25 April e Bloemfontein, yamkelwa ngombuliso. Xa isekona iyakuhlala emzini ka President Reitz. Kuko nedinala enkulu eyakwenzelwa yona.

AMAFAMA selekawulezile kanye ukuvuna umbona, alungiselela ukulima inqholowa. Ati ngati yofumaneka ngelixa lizayo. Azakuyihlawela kakulu ke ngoko. Lento iyacingwana ngamawetu? Sitshe kuba namasimi seleda oma kakubi ekubonakala ukuba akude abole zimvula engavunwanga.

NGOLWESI-HLANU, 2 May, 1890, kuya kubako intlanganiso yokabulisa a Dr. Stewart e Lovedale. Iyakuba kusasa ngo 10. Kulindelwe iqela ekiluku lamadoda angaba nokufikelela. Inceda enenteto emandi kakulu yombuliso, efike yakankanya imisebenzi emikulu eyenziwe ngu Dr. Stewart kweli letu, nemizamo yake ngenxa yohlanga oluntsundu, sika sayiboniswa. Sobuye senze amazwi etu kuyo emva kwa lentlanganiso siyibikayo. Isimemo sika Mr. Wauchope siya sibulela, sekuya kuxaka amaxesha nokungabiko ko Mhleli weli pepa ekaya ukufika kwaso. Banga abanta bakowetu bangamelela amatamsanqa u Dr. Stewart ehambeni yake. Kwinteto ebhekiswa kuye siqumkabela ngelithi—Amen.

UMFO wase Bhayi ongu Titus Vena, omnyaka imashumi matatu, ubulewe butywala. Ute u Dr. Ensor akamxilonga wafumana ukuba besebungqibe imipunga. Nitiina bantu bekwepile ngalendawo?

NGEXA lomboniso owawuse Bhofofo u Hon. John Laing, M.L.A., no Mr. S. Johnson, M.L.A., benza inteto ezishushu ezixhasa uloliwe ofuneka pakati kwe Qonce ne Cookhouse.

ukuyiqondela, ukuba angababulali abantu ngokwalela nemitu engena msebenzi.

Abantsundu base Ngqushwa siteta nje base bunzimeni, nendleko zamatyala. Bate bona bakuba ukuba abapati bamahlali bayeza, basebebuta imali ukuze 'ke bave, balwele amalungelo abo. Lomcimbi ubungowokuqwalaselwa ngu Mpatiswa-Micimbi ya Bantsundu ; koko akako ngokufa. Abanye abapati babayeke abise Ngqushwa ukuba bazibonel; abanye badliwe, omnye elake lisasingiswe ezi jajini Ngoko-mteto wa Mangesi asina kulingena elo ityala. Kodwa singenza libe linye ngenito ebagele ukuba i Mantyi yenjenje. Wonke umlesi angaba uyazi ukuba Amamfengu angeniswa e Ngqushwa ngo 1835, ngo 1837, nango 1845, kwenziwe iminqopiso kunye nawo, anikwa lomhlaba unalamahlali. Amandla alo Mnoqopiso asikabi nakuwaxela ngapambi kokuhlala kwe Jaji ezayo. Ukuba iminqopiso ka Rulumente na Bantsundu yinto yokuqwenywa xa atandayo, ingaba i Ngilane iteta ntonina ke pofu kwelase Germany ne Portugal? Asikakolwa noko ukuba u Rulumente angaba unike namnye waba Pati-Mahlali, noko aselengu Mtshutshisi Wamatyala, igunya lokuba anyelise iminqopiso yabo nabantsundu njengoko elinye ipepa litshoyi, kuba kubantu bakowetu bona ilizwi lesicaka sika Rulumente seyilelika Rulumente. Asiyiboni into ebangela ukuba kubeko ukutetwa kwalamatyala, kuba angasuke ati kanti usayakugwetywa u Rulumente; ibe yonke inkatazo ingeyingabangako ukuba kaloku bebeyiwe kakuhle abantu base Ngqushwa, ingengawo kodwa amagosa anyelisa iminqopiso emikulu, nakatalele ukuni olungenamsebenzi, kunesizwe sabantu.

ITETA ngomfanekiso we Ruluneli, i *Excalibur*, elase Kapa, yenjenje: I pepa le *Mvo Zabantsundu*, libhasele abalesi bala ngomfanekiso we Ruluneli u Sir Henry Loch. Laye lisiti 'Sanga esisenzo sitsha, nesokuqala kule Koloni singancedisa ukunyhanyhatela uluvo lwentobelo-mbuso, nokuzinikela okupeleleyo kwama wabo kulaulo olo Umhlekezi angumqondiso Womntan' Omhle u Fitoli.' Ndinga ndigazisa u Sir Henry ukuba elipepa libhalwa, lihlelwe kwali nene elintsundu elicingelwa ukuba lilipongoma lulaulo luka Sipiligi. Eyona nyaniso ingenakupikiswa kukuba selenze ukulungu ukukhulu pakati komzi ontsundu, liwupakamisele kwinqondo yokuzipendulela nokunyamekela izinto zombuso, napezuko selidale nobuhlobo pakati kwabamhlope nabantsundu bale Koloni. Ndinovuyo ukati ngokungapuzulu ezonandawo ziyintloko kwelo pepa zibhalwa ngenobeko, nangomoya opolileyo, nangobuciko obukulu, zayeke zibaluleke ngokuzala yimbeko nangamaxa empikiswano enezibeko. Ndiyavuya ukongeza ukuba *Imvo* izimisele ukwenza neminye imifanekiso xa kute kwako impumelelo. Leyo ke yoba yeya Mangesi apakamileyo, awaziwa ngaba ntsondu abakanyiselweyo, nakuba okwangoku esamana ukuvakala njengamapupa kubo."

ZITE zazininzi kakulu iziqigibo zengqungqutela zamafama ezibhekiselele kwimpato yabantsundu. Ezinye zilungile, zaye ke ezinye singenakuvumelana nazo. Pakati kwezo ke singahambi nazo kuko esangeniswa ngu Mr. John Landrey (u Cabhela) sokuba umteto welali zabantsundu mawenziwe lukuni njengeliya xesha kwaku sandulukugqita imfazwe. Ngelxesha sithi tina ungeze walunga xa uqutywa ngolohlobo. Iecbo elinikwa yi *E. P. Herald*, ipepa lase Bhayi, belifanelwe kubhalwa emacwecweni entliziyo zabo bonke abaeubhongo lokwenzela le Koloni imiteto. Luti umelwane lwetu lwase Bhayi: Isiko lokuba soloko kwaqwalaselwa okufunwa ngamafama lilona litandwa kakulu lolaulo lukuyo. Kanti ke elosiko linokupuyeliselwa ngokuti nabantsundu bacotoziwe kancinane, makubekwe izito, nalo isiko lokupata umntu ontsundu.

## INGQUNQUTELA YAMA WESILE.

### IZICELO NAMACEBO.

Kumiswe o Revs. H. Tindall, T. Chubb, B.A., R. F. Hornabrook, C. Pettman, H. W. Davies, B.A., J. Goduka, D. Msikinya, L. Meimang, no J. E. Parsonsen, ukqwalasela zonke izicelo namacebo avela kwintlanganiso zeziqingata.

### ISIYALO SE KONFERENS KWABAMHLOPE.

Kumiswe o Revs. T. Chubb, B.A., J. Fish no J. E. Parsonsen ukuba balungiselele isiyalo sa Mangesi.

### ISIYALO KWABANTSUNDU

Sinyulelwe o Revs W. J. Hacker, D. Msikinya, no T. W. Pooock. Kumiswe no Revs. P. Tearle, S. H. Ravenscroft, H. Wilkinson, okokuba balungiselele inteto yale ngqungqutela ebhekiswa kwi ngqungqutela ya Pesheya.

### IMBULELO YE KONFERENS

Ibhekiswe ko Revs. S. Evans Rowe, J. Thompson, M.A., onobhala abancedisayo; no Rev. J. Smith Spencer, Umongameli weqitileyo, Kwanyulwa u Rev. J. Fish ukuba atate indawo yomongameli njengo nobhala oncedisayo.

Ekubeni sasite zisenokuguqulwa indawo abaya kuzo abafundisi kweleqitileyo, okunene aba babuye bashenxiswa.

Rev. R. W. Lewis, Kamastone

„ C. Mahlutsbana, Tsitsana.

„ R. F. Hornabrook, Heald Town.

„ T. A. Chalker, Thaba 'Nchu.

„ C. J. Hepburn, Dundee. Abanye bona

baqiniselwe kwezo ndawo bebezuko.

### ABONGAMELI BEZIQINGATA.

*Cape of Good Hope*, Rev. Richard Ridgill;

*Grahamstown*, Rev. Theophilus Chubb, B.A.;

*Queenstown*, Rev. Robert Lamplough

*Clarkeburg*, Rev. Peter Hargreaves;

*Kimberley and Bloemfontein*, Rev. Jas Scott

*Natal*, Rev. S. Evans Rowe.

### IKONFERENS EZAYO

Kugqitywe ekubeni iye e Pietermaritzburg, Natal ngexenxesimemo sakona.

### UMONGAMELI KWEZAYO.

Kunyulwe ngevoti bema ngoluhlobo: Rev. James Scott 4, Rev. James Thompson, M.A. 6, Rev. Peter Hargreaves 15. Umgcini-Sihlalo wazise ukuba ngu Rev. Peter Hargreaves onyulweyo.

### IMVIWO ZABALINGWA.

Emva kwengxelo ezingemivvo zabafundisi abasesekulingweni, kunyulwe u Bev. J. E. Parsonsen ukuba abe ngunobhala ukuba u Rev. J. Thompson ebekalise umoya wokupuma kwelo wonga ngenxa yemisebenzi empahlileyo.

### AMALUNGU EREMENTE.

Kwisiqingata ease Kapa amalungu aba ntsondu, 1,531 ; kwesase Rini, 4 589; kwesase Komani, 7,793; kwesase Mgwali, 3,735; i Dayimani ne Bloemfontein, 3,698; kwesase Natal, 3,431. Abantsundu babonke bande nge 1,471. Lawo ke ngamalungu azelelo odwa ngapandle kwabalingwa. Abalingwa bebonke bayi 10,000, kwi Remente yentsapo bayi 4,734. Amanani xa aqukwa onke yi 43,510, i Ramente yande nge 2,462 nonyaka.

### AMACEBO NEZIQIGIBO.

U Rev. Jas Scott ungenise elokuba abafundisi ngebangakutshwa zintlanganiso zeziqingata, lonto yonke maseyikekwa i Konferens. Kugqitywe ekubeni lonto ixowwe kwazize siqingata

U Rev. J. Smith Spencer ungenise elokuba kubeko isikula se Tiy'o'oji sokufundisela amadodana amhlope, kwanokuba abantsundu ngebeba nesabo nabo. Lento ke isayakuxoxwa xa kudityenwe namadoda angabatunywa (laymen).

U Rer. J. E. Parsonsen ungenise elokuba imimiso ekuqutywa ngayo kwintlanganiso yesiqingata iguqulwe. Abafundisi badi bene nabalingwa nge 24, ngolwesi-Ne.

## Ezibhalelw' Edolweni.

[NGU MHLELL.]

Njengokuba ndaye ndimelwe kunduluka nentsasa yolwesi-Ne (17 April), ndihamba ngeposi ukusuka e Qonce ukasinga e Kapa, andibanga nakuhamba ngayo ngalomini kwangex' enelibala. Ndotsho kambe mna, kuba kute noko ndabe ndivisisene nomlungiseleli wababhambi kwangemini engapambili ndatenikisayo indawo eposini, kute kwakuba kusile okungaliyo, akufika amagwangqa, isonka sosapo sasisonka sosapo, yakatywainja. Ndiibe ngosalayo-ke xa ihambayo.

Lento umntu xa seyifake ilegenisi ayitandi kupazanyiswa. Ndiite ka ndakubon' ukuba wase Europe andityabekela, ndaputuma kungxwalintloko, ndaye ndisiti koti kupippi ndibuye ndiqubisane neposi. Ndinduluke sekusemini ndifunzele e Tamara nase Nqwebeni ukuya Kwelentonga, Lamanqaku ngawezinto endizive ndazibona endleni.

Imvula nomkamezelo wamhla ndanduluka, azibanga namandla pezu kwenzinwa zempahla yase mlungwini. Endifike e Rura, kwa Mr. Peter Nganga. nakubeni bekuse kuhle kakulu, zoniile ingabo, ndaye ndibe ndihambe ibubugwidigwididi ukulahlekana nendlela (kuba kwakumnyama) kumagagaruka okuya e Xesi kwelika Nomhini kukubi.

E Tamara ndifike ixenye yamadoda abalulekileyo akona ingeko. U Rev. S. Nohe no Mr. D. Mali beye kuhambisa imvuselelo kwisikolo esidala sase Mkgangiso. Njenje Kapernahume yakudala, nakuba u Mkgangiso ubufudula upakanyiselwe ezulwini, ngoku ubonakala ukuba uqengeqeleka ngokukaulizileyo ukuya ezantsi elutlulini ukuba ungaba awuseluselutlulini. Imo yezikolo ezidala zetu bamnyama iyehlininikisayo. Ekubeni bekukangelwe ukuba zibe zindawo Zokupepela, nokupumla kodinwe zintloni zobuhedeui,—endaweni yokuba zibe zindawo ekunokungqinwa kuzo ukonwaba, nokunyhamnyhaka kwabantu abati Kukokwetu okukoyo, Kukokwetu nokuzayo,—

Kulapo ungangqina ukuba umzi usachope ngwezane kwinkandla zakwa Lizwi— usapungunguza. Ungangqina ngokuti intsapo yabati banga Makritsu ibe isenkulu into yokuyipehlelela ngolwase bumnyameni ukufunelwa ubudoda basendle ngabuzali. Kuba kuvakala ukuba akalenzile-nje owesikolo sase Mkgangiso wapule utuli. Yeyona mbasa ke leyo obonwa ngayo umzi osakumbula imbiza zase Dyeputa. Yiyo lonto ke ekufuneka imvuselele le ikupe o Messrs. Nohe no Mali emakaya. Akwaba bangasikeleleka.

Kanti ke noko mna sendingo ngenatamba ngokuvuselelwa kwabantu abadala bezikolo abate bagxeka u Moya Ongewele. Uluvo lwam ngabo alwahlukile kolo Mprofithe owabuzwa ngokubuyiselwa ebomini kwamatambo awomileyo. Ngoko-ke ndingongayivisiviso incho yamabandla ka Rona yamakupa amakulu etnali eRura zezinye indawo ukuya kunceda abazaziyo kanye Indaba Ezilungileyo. U Rona urola amakupa emali ukuxasa amawokowoko ezikolo ezidala ibe etshabalala amaqaba engazivanga Indaba Ezilungileyo kuba kusitiwa ayiko imali, kanti iya kwindawo ezingezixhasa ngokwazo namhla. Lonto uyaqala umzi uyayibona.

Umzana wase Tamara ungoginyisa amate ngendlela ezitile ezibalulekileyo. Ndingazi nokuba kwenziswa kukuba upakati kokuqaba obukulu sinina. Uyabonakala nkuba uzimisele ukubonisa ukonwaba entlawneni ngapandle kokunqalasha amatuba okuhambisa intloni zamaqaba. Yofika ninina imihla oyakuti umzi wase sikolweni ulahle imizimba, wonwabe entweni zolokolo njengokuba ulahla imizimba owase maqabeni entweni zawo? Isiko apa elibonisa unyawo luka Janyawuli ebukolweni— lolwuluku—ke alisavudubi umzi wase Tamara. Endaweni walo— usapo lufunzwe kwinto zemfundo kute bhataia. Iziqamo: ititshala zombini zezikolo ezikulu zabantsundu zomzi omkulu

wase Bhayi—esase Wesile nesase Rabe— zingamadodana ase Tamara. Enye indodana yakoni eyancanyelwa imfundo nguyise ide yapatyisa imfundo yamadodana ase Afrika kwi Sinala yase Nkukwebe. Enye indodana ifundisa e Nqweba, enye eQigqwalala, eka Calata iyitoliki kumatyala ka Mantyi e Rini. Lentsapo ukuba ibola izimilo seyingaba izibolisa yona, beyifizele eyabo indawo abazali. Sikolwana esingepi esisenza ezizinto zintle, sikeke sanyanisa ngakunye entweni zobukolo, sibayeka abahedini ukuba bagase nabo ngawabo amasiko obukweta njalo-njalo. Ngalowo mendo-ke Tamara!

India yetyalike neyomfundisi e Tamara zakiwe ngobugcisa yingcibi wase Magqunukwebeni, u Mr. John Makolota. Kwezakiwe ngemiti ityalike andikolwa ukuba kuko engayikupayo cyase Tamara ngobuhle, nangobugcisa bokwakiwa. Nendlu yomfundisi iyefanekilekileyo. Ezizindlu zashiywa ngu Rev. P. Mpinda wase Qonce ngofuduso lwabafundisi base Wesile, ebekaze eba uyakuba neminyaka apo e Tamara. Ngabanye ngoku abaxhamla umsebenzi wake, kuhle-ke. Ngokwakiwa komzi ndifunene into zo Nogeule ukuba beseke zedladla paya zawushiya omnye umzi emva ngokuti zake ingxande eziphileyo. Kangakuhle bengaziyekelanga ukuba zonakele babuyele ko ngupantsi. Ndiwe ndanemihlali emikulu ukuba umzi 'osahlile kongqupantsi kwesosikolo sewuhleli kakubi —ngamaxokoxoko kwizindlu zamadoda amaninzi — umzi awusaneliswe kwizindlu okuzo, sewabanjwe zintswelo zokuba beke labelela nokuba ube awukaqali ukwaka, Lomphunga ungoncomekayo.

Mbangi yokuba umzi uhlahle unghaleli ezindlwini zawo, siva ukuba kungxanyelwe ubuntu ngevoti, nokubalelwa enanini lamadoda ngezimimi indoda esebenzileyo isaziwa ngendlu yayo. Umbuso wase Mangesini unqabe ngokwetsili, ngabula Mr. Hzezikele Calata, isidwangwe sakwase Tamara apo. Wenzile: uyinto eseyimana ukufikelelwa

## Abamhlope Ngabantsundu.

IPEPA lase Kapa i *Cape Times*, lisixelela ngomoya okoyo wokuba i Rulumente ucinga ukucela i Palamente ukuba lipelisewe isebe lo Mpatiswa-Wabantsundu kubapati bolaulo, ize indawo yake itatyatwe ngu Mpatiswa-Micimbi yabalimi. Lengxelo ayisokutusa nabani ogqibeleleyo ukwazi ngempato yeli lizwe, ngenxa yokuba elisebe belite ngamaxa aqitileyo lasisikubekiso kunokuba luncedo kwimpato yamawetu. kule mimandla besede kwako inkolo enkulu yokuba amacebo abapati babantsundu abanokwazi okugqibeleleyo ngabo, asuke alahlalele unokumeni, lonto ke seyide yabangela ukuba kungabi salindelwa bulungisa bungaveliswa lelo sebe.

ABELUNGU bevenkile pesheya kwe Nciba bazama ngako konke ukufaka kumawetu uluvo lokuba Umteto we Bhula uhanjiswe I nakwelo.

U MR. GEO. UNDERWOOD obeyi Station Master yase Mvani, ubuhbele e Aliwal North, ngolwesi-Hlanu olungapaya.

ABARWEBI mababa baza kusizisela nempingelo yase Ngilani njengokuba abagcini bamahlali bebandoza konke okukhula konjane.

## Imvo Zabantsundu.

NGOLWESI-NE, MAY 1, 1890.

Umti Ungapezulu ko Ntsundu na?

URULUMENTE, ngabapati mahlati, ubapete gadalala abantu bakowetu kweli lase Maxhoseni. Indawana enokutatyatwa uyingenise pantsi kwo Mteto wa Mahlati, kwabe sekukancinane ukuba yonke into engumti ekulayo, ingafanelwa kugaulwa. Ukwaka, ukubiya, kwanomlilo, — kufuneka uluti Abantu ngezizukulwana ezininzi ezidluleyo bebe sebeqhele ukulufumana kumagcume namahlali akufupi. Namhla bafika amahlali selezalise ngamapolisa apa angubo ziluhlaza olufana nezikhwenene zehlali, asuke axhakamfule wonke opete uluti, ibekoko ukumsa kwi Mantyi, ebhele imtumele entolongweni yoninzi. Siya kuvuma kona ukuba abantu bako wetu 'ke bafeketa ngamahlali ngamaxesha adluleyo, nakwezinye indawo; kwanokuba, ngenxa yezizatu ezininzi, ifanelwe ukucinginwa imiti noncedo: kuloko u Rulumente lomsebenzi usuke wawunikela amadoda aqonde into eqondwa ngawo kupela, suke lamagosa, engakatali nto yilento ingumntu, amisa iqalekiso kuyo yonke into engumti, netyolo, engayikatalele into yokuba umti otile wehlali ungabizwa ngagama nye nomnye umti wangaselwandle, omnye unomsebenzi, omnye ungenawo ; yalwle yomibini. Wakubuza ukuba

kuza kutiwanina ngokomlilo, usuka kulamadoda ube ngorharhayo. Yinto ke leyo u Rulumente afelele

IPEPA lase Komani, i *Free Press*, liya sigweba isigqibo se Bondi esibhekiselele kutifuduso lwase Glen Grey, ize lenjenje ukuqoshelisa inteto yalo ende engawo lomcimbi: " Akuko nto yoda ifunyanwe ngokumana kupitizeliswa abantsundu. Koko into efunekayo kukuba ababantu batenjwe, bancedwe ngezo zinto zinokubenza baqubele pambili kwizinto zencubeko, nokubakupa esitokotkweni sobumnyama. Asinamatanda ngokungati kwenziwe yi Palamente ngalo mcimbi wase Glen Grey; kodwa asitandi kanye ukubuyise sive ngawo kulo kundla. Ukuba esi sipitipiti seminyaka yonke sisazakuba yiyo mbunguzulu ye Bondi, nditi ke soda sinyanzeleke ekubeni sisilwe ukuze lomcimbi use upela kuba kanye. Lento ke soyenza ngokuti abantsundu sibanike itaitile zeziyo nokuba zezobuzwe. Yaye lonto iyakuti ibakusele kwinto ezingati zibahlele kwixa elizayo xa nga kute kwako inguquleko elulaulweni."

ngokufaka intonga—uncula. Lomnumzana uti lonto kunjalo kukuba ulahla bona, Calata no Noguele, izityebi (ngenkomo ke), ntataba onyana bo Nogenle, amagaxxa namahlwempu, ngengxando ezo zabo. Ingayinto entle zite ke izityebi zakowetu zatengisa inkomo ngantlanu nangantandatu kwakiwa ingxande kulo lonke. Abantsundu bangangumzi okunjulelweyo. Kwala nonina, hina mabandlandini akowetu, ukukwenza oko?

Ukusuka e Tamara kusuke kwabafuleka inxwaleko zesiqu sam ngokuposana nendlela, nabunyama, nemvula kwindada zentili ye Xesi. Amangandngandi endiwadalelwe zezi nxwaleko andingebi sazezakana nawo. Kwezondawo zikude zilunge ne Xesi ndiwakamise umlomo ndakohlwa kawuvula ndakubona ubuqaba obungqingqwa, ngati abakufikelelwa kanye li Lizwi, busebushu buluhlaza bona obusenokuhomba, nokubuka umntu wase mzini Ngokuba kude kwabo kwiziselo ezivutayo, ndibufumene obubuqaba buse bobunika itemba, abunjengobu busangeneyo bumele inkanti. Nditse, azi koza kube mandli mlha u Rulumeni azivalayo inkanti. Inyamke endalatiswe ngayo indlela ngabafo b lali xa bendiduke e Zalara andisakubehle ndiyilibale. Indlela ndiqubaliswe nayo e Qamdobowa sekumnyama ngokubalalisa ngabafo abalungile bemizizi.

Ndifikile e Ngqushwa ndizifumene zininzi namhla impawu ezalata ukuba umzi ose Ngqushwa uzimisele ukuzihlamba kwisigxeko esoloko wancanyatiselwa ngayo sokuba yi Ngqushwa Emnyama. Ndifike u Mr. Philip Ngcanga, obefudula engumtati we Mvo, equlunqa uxandano olulingeneyo lwemiti alufulele ngamazini, suka ndamtanda. Akumzuzu kakulu kwahlolonyigwayo ukuba u Mr. Isaiha Kawa no Mr. Ncapai Luvuno base Ngqushwa, bayaka izindlu, bazimisele ukupuma emapempeni kuba unqupantsi akhulke nganto kwimpeme labakweta elizakubuya litshiswe. Impi enobuqela ihleli ko Ngqapantsi apo e Ngqushwa, kube mmandi ukuba ukuba nayo ise itwile impahla. Indawana endibangele udano zingqatvana zakweta basezikolweni cyalate ukuba utnzi usangene ngonyawo olonye kwa Lizwi olunye luse sebunyameni.

Inqwelo yendaba zakomkulu ndiqubisene nayo e Breakfastvlei zise namhla ndahamba kamndani ukuya e Rini apo ndingene kuloliwe kwangobobusuku bolwesi-Hlanu ndafika apa e Kapa ngomso wo Mvulo, 21 April, kwaye kungeko nto ibalulekileyo endingabambezela abalesi ngayo. Ingqomekelela endingayibuta apa e Kapa nengeze Lizwi, nangezombuso, nangezentalo, ndingabuya ndiwupakele umzi ukuba ungaba uyikatalele imvutuluka engento yakulonto.

## Ibala Labadlali

Umdlalo obupakati kwe Ethiopian C. C. ne Arabian Star, udlalwe nge 15 March, 1890. Kungene i Ethiopian kuqala ngoluhlobo lungezantsi.—D. Kadi e Jasin b Ismael 5, D. Hlati b Jasin 3, R. Christian c & b Ismael 0, Rev. Gawler run out Jasin 5, K. Tshona b Jasin 0, Capt. Ross run out Ismael 1. s. Lwana run out 0, J. Ngeni b Ismael 1, J. Katyana b Ismael 0, J. Mpindwa b Ismael 2, M. Kanyinye not out 1, Extras 4 Total 22. Kube kutsaleka nzima ngenxa enobuntshuntshu bomhlaba.—Sipindile kwapela ixesha kungene lamagama—

### SECOND INNINGS.

R. Christian c Ismael b Jasin 0, S. Lwana b Jasin 0, K. Tshona b Jasin 10, Rev. Gawler c Ismael b Jasin 11, J. Katyana not out 2.—23. Waba uyapela umdlalo.

Ele Arabian Star C. C., ingeno ngoluhlobo—Melick b Christian 0, B. Jackson b Ross 4, Gamat b Christian 8, Hamdin b Ross 11, Kabier b Christian 0, Jasin c Gawler b Ross 0, Samat c Kadi b Ross 3, Mistago c Kadi b Christian 2, A. Jackson not out 5, A. Sabant b Kadi 3, G. Adams Stumped Lwana 0. Extras 4. Total 40. Yadiiwa i “Topiya” nge 18 runs kumangeno oquqala.

*I-Match*, pakati kwe Pioneer ne Romani C. C., e Komani, ngomhla we 12 ku March, 1890.—Pioneer C. C.,—Sixishi b Lekalalaka 21, Stephen b Nukuna 4, Magoda c & b Msanpana 1, Nomwa b Lutu 2, Jamieson b Lutu 10, Hlati not out 6, David Mphahlele b Nukuna 1, W. Lutu b Rabula 0, Mqumbisa b Msengana 6, Mveli Swaartbooi b Msengana 0, Mjuza (Capt.) b Msengana 2,—Extra 3 Total 56.

Komani C. C.,—Maneli b Magoda 9, M. Rabula b Mphahlele 0, R. Kusse c Hlati b Mphahlele 0, P. Lukalalaka b Mphahlele 0, J. Plaatjes b Mphahlele 0, J. Xolimbila b Mphahlele 1, J. Msengana (Capt.) b Magoda 1, R. Nukuna b Mphahlele 3, Is. Zokoti b Magoda 1, Jas. Lutu run out 0, R. Ngcongca b Magoda 0. Extras 2. Total 17. Yaba ke i Komani C. C. ishiywe eludakeni nge 39 runs, Yintange entsha ye Pioneer C. C.

Nge 19 March kudlale i “Pioneer C.C.” ne “Komani C. C.” kwema njengokuba izikora zixela. Ngenx’ yexesha i-Innings zaba nganye.—Pioneer C. C.” Mphahlele c & b Msengana 3, Mveli c Msengana b Lutu 0, Sixishe b Lutu 9, Jamieson c Ngubo b Lutu 3, Mtuyedwa b Msengana 4, Hlati not out 9, Stephen b Lutu 0 W Lutu b Lunu2, Mgod (Capt.) b Msengana 6, Goduka c Kusse b Lutu 0 Nomwa b Lutu 3. Extras 5. Total 54. “KOMANI C. C.”

Msengana (Capt) c April b Mphahlele 9, Kusse c Goduka b Mphahlele 6, Tukwayo b Mgod 4, Maneli b Mphahlele 3 Nukuna c April b Magoda 12 Plaatjes b Magoda 1 Zokoti b Mphahlele 6, Nqohle b Magoda 1 Lutu not out 5, Xolimbila b Mphahlele 0, Ngubo b Jamieson 2 Extras 7. Total 56. Yadiiwa i Pioneer nge 2 runs.

Imatch ebepakati kwe Wide Awake C. C., ne 2nd XI ye Ethiopian, ibidalwa ngo-Mgqibelo we 22 March, kumhlaba we Wide Awake C. C. Kuqale ukuya emitini i Wide Awake C. C., eqale ukungena u O. M. Habana no Vaabom abadlale pantsi koqengqo lo Christian no Tywai ngoluhlobo,—O. M. Habana b Tywai 9, A. Vaabom b Christian 1 G. S. Kwankwa b Christian 0, J. J. S. Vena

Ibw b Christian 0. M. Yobe c Ngwana b Tywai 7, Z. Vazi b Ngwana 4, D. S. Vena b Ngwana 6, T. D. Senga c Yekele b Ngwana 6, M. Konza b Ngwana 1, M. D. Fani not out 0, B. M. Kwankwa b Tywai 1, Byes 2 wide ball 1. Total 38.

Kulandeie i Ethiopian C. C., (2nd eleven) engeniswe ngoluhlobo lungezantsi, pantsi koqengqo luka M. Konza no D. S. Vena.—D. Ngwana b Konza 0, D. Kadi b Konza 7, J. N. Mpindwa Ibw b D. Vena 39, J. Katyana not out b J. Vena 13, D. Hlati b D. Vena 1, W. Tywai b Konza 12, R. Z. Christian b Konza 5, H. C. Maqanda c Kwankwa b D. Vena 2, R. Yekele not out 9, S. C. Maqanda run out b Konza 0, D. Maclean b Konza 0, Byes 11 legbye 1. Total 100. Yadiiwa i Wide Awake nge 62 runs.

Nge 26 yalenyanga bekudlala i “Pioneer C.C.” ne “Komani C.C.” zalapa. Ngobufutshane bexesha kudlalwe i Innings ngazinye—nanzo izikora :—

### “PIONEER C. C.”

Magoda (Capt.) c b Xinishe 19, Hlati b Lutu 7, Mtuyedwa c Lutu b Nukuna 0, Stephen b Lutu 4, Mphahlele b Nukuna 8, Zwaartboy b Lutu 2, Mahonyana b Lutu 10, April b Lutu 1, Jamieson c Msengana b Lutu 0, W. Charles b Xinishe 0, Sixishe not out 0. Extras 12. Total 62.

### “KOMANI C. C.”

Msengana (Capt.) b Magoda 7, Dlova stpd Hlati b Magoda 3, Nukuna b Magoda 9, Lutu run out 17, Xinishe b Mphahlele 5, Mkefa b Mphahlele 8, Kusse b Mphahlele 0, Maneli b Mphahlele 17, Zokoti ht wkt b Mphahlele 1, Nqohla not out 1, Ngcongca b Hlati 0. Extra 3. Total 71. Yaba iyadiiwa i Pioneer nge 9 runs.

